BU African Studies Center LANGUAGE PROGRAM, 232 BAY STATE ROAD, BOSTON, MA 02215 africa@bu.edu
www.bu.edu/Africa/alp 617.353.3673

***PROVERB 1: Igugu Lingaba Likhulu Umbombo Uyaqhosha.***

Indawo: Kwishishini le-Carwash

Abalinganiswa: UBhonyongo, umphathi weshishini (boss), One Thousand, Nomaza (intombi)

Props: Imoto ehlanjwayo, amabhakethe anamanzi okuhlamba imoto; amalaphu okuhlamba imoto, imoto entle egqithayo.

**Ibali**:

| | |
|---|---|
| **Bhonyongo:** | Uxhom'uthini na wena kwedini man? |
| **One Thousand:** | Nditsho, nditsho, Bhonyongo, mfethu! |
| **Bhonyongo:** | Eeewe, One Thousand! |
| **One Thousand:** | Ndifuna *ukubhekstira* le kari, eyi, mfethu, ndiyakuxelela kanjani! Jonga, jonga, uza kuthi xa ufika kwedini, uthi xa usithi aph'ecaleni kwam ngunkosikazi, xa usithi eback seat ngabantwana balwa ngoteddy bear, kwedini. |
| **Bhonyongo:** | Ungathi uphangela aph'ezimotweni eCar Wash, kwezi senti, utheng'imoto? Hayi… |
| **One Thousand:** | Inyanga zintathu qha, boy! |
| **Bhonyongo:** | Hayi suka, uyaphupha wena kwedini emini! Uthetha njeeeeeeeee! |
| **One Thousand:** | He Bhonyongo! Bhonyongo! Ndijonge kakuhle sani. |
| **Bhonyongo:** | One thousand! |
| **One Thousand:** | Ndijonge kakuhle Bhonyongo! |
| **Bhonyongo:** | One thousand! Uqhathwa yilent'ba kucing'ba xa uz' etown unemali! Awunayo nesenti; uxhomekeke kule imali. Yho! Yho! |
| **One Thousand:** | Ndiyakuxelela mfethu, ndiyaseyiva, Boy. |
| **Bhonyongo:** | Yho, yho! Uthetha njeeeeeeee. |
| **One Thousand:** | Ndiyaseyiva! Jonga, jonga ndivile kuth'wa eli shishini lizakwenyuswa, Boy. |
| **Bhonyongo:** | Howuuu! Uvile, uve ngabani? |

**One Thousand:** Qha ndifun'ukuma nje. Le moto lena ayikho apha elokishini.

Yho! Yho! Yho! Nantsi mfondini, yiyo le! (*eleqa imoto*)

**Bhonyongo:** Ungathenga le moto injena wena!

**One Thousand:** Hayi, ndivumele, ndivumele! Yhu! Yhu! Yhu!

(*Kufika intombi engumhlobo wabo*)

**Nomaza:** Kutheni ningasebenzi? Aniyazi ukuba kufuneka nigqibe le moto na nini na?

**Bhonyongo:** Utshomi wakho? Utshomi wakho uthi uza kuthenga le imoto igqiba kudlula apha. Ngale mali ayamkela apha.

**Nomaza:** Leya imoto. Uyathanda ukuphupha ke wena; Uyathanda ukuphupha.

**Bhonyongo:** Uyaphupha njee.

**Nomaza:** Uza kuyifumana njani la moto?

**Bhonyongo:** Uyaphupha qha yena.

**One Thousand:** Into engeyenza makasuke aqhubeke ahlambe iimoto ezi qha yena! Afumane imali, ayokunxila nge-weekend.

**Nomaza:** Kumnandi phofu ukuphupha. Akhonto ibitheni!

**One Thousand:** Niza kuhlambela mna qha. Niza kuhlambela mna! Ndiyakuxelela.

**Bhonyongo:** Uza kuthenga imoto ngezi senti uzifumana apha? Uthetha njee!

**Umphathi:** Molweni bethuni. Ndicela uxolo bethunana. Ndicela uxolo ngokuniphazamisa bethunana. Bendihambele apha kuni. Ndizis'iindaba bethunana apha kuni ngoku…indaba.

**One Thousand:** Ewe, ewe, ewe boss, bendinixelele ndathi umvuzo uza kunyuka.

**Bhonyongo:** Khawume!

**One Thousand:** Ndinixelele, ndimamele boss.

| | |
|---|---|
| **Nomaza:** | Khawumamele! |
| **Umphathi:** | Ndizise iindaba zokuba eli shishini liyaphela! Liyaphela eli shishini!Ndixakene nento bantu beNkosi. |
| **One Thousand:** | Hayi, utsho njani ngoku boss?(*utsho edanile*) |
| **Umphathi:** | Iingxaki zininzi bantu bakuthi. |
| **Bhonyongo:** | (*ehlekisa ngo-One Thousand*) Yhewa! Uzakuthenga imoto! Imoto! Imoto! Iphi imoto ngoku? Ishishini liyaphela. Yhewha!!! Ndanditshilo! |
| **One Thousand:** | Hayi boss, hayi! (*watsho kubonakala ukuba ukhathazekile*) |
| **Bhonyongo:** | Ingxaki yakho unegugu. Igugu lingaba likhulu umbombo uyaqhosha. |